

Kulowo ifikelela kuye

ICandelo loPhando loPhuhliso loMsebenzi kwi-Afrika eseMazantsi (SALDRU) leYunivesithi yaseKapa lenza uphando lwesizwe olutsha olubizwa ngokuba **sisiFundo ngeNguquko yeMivuzo yeSizwe** (NIDS). Olu phando luza kuphanda ngeenguquko zempilo eMzantsi Afrika ngenjongo yokuqonda ngcono impilo yabemi boMzantsi Afrika, izakhiwo zamakhaya abo nendlela oku kuthe kwaguquka ngako ekuhambeni kwexesha. Ukuhambisana nezi njongo sibuzwa abantu abadala abafanelekileyo kwikhaya ngalinye ukuba liphendule iphepha lemibuzo elibuza malunga nabahlali kunye namanye amalungu akhoyo phakathi kwekhaya. Siya kubuza kwakho umhlali ngamnye ongaphezulu kweminyaka eli-15 ukuba aphenndule iphepha lemibuzo kunye nomzali okanye lowo ugcinayo ukuba aphenndule umbuzo omfutshane ophathelele kumntwana ngamnye osekhaya. Phakathi kwezinye izinto siza kubuza ukuba amalungu eli khaya asuka phi, umgangatho wawo wokufunda, isimo sempangelo nemivuzo, inkcitho neemphala zekhaya. Siya kulinganisa ukuphakama/ubude, ubunzima noxinzelelo lwegazi lwabahlali bonke kwaye sibanye ikhadi kunye nolu lwazi with this information.


Ngowama-2008 amakhaya kuluntu lwakho aya kuba yinxalenye yamakhaya amalunga nama- 8 000 nabantu abamalunga nama-32 000 kuMzantsi Afrika uwonke ekuya kuthi kwenziwe udlwano-ndlebe nabo. Uphando lwangaphandle luya kuqala xa kuza kuphela uJanyuware wowama-2008 luze luqhubeka luyokutsho kuMeyi wowama-2008. Siya kuqhangamshelana nawe kwakhona emva kophando kwiminyaka emibini size siphinde siqhubekeke kwixesha elizayo. Kuya kubakho utyelelo oluphidayo ukuze sibe nakho ukubona ukuba iimeko ziguquke njani ekuhambeni kwexesha. Xa sithe sahlanganisa ulwazi kunye nolwazi lwamanye amakhaya siya kuba nakho ukubona ukuba yintoni enceda abemi boMzantsi Afrika ukuba babe phambili kwaye yintoni ebangela ukuba babuyele umva kwezoqoqosho.

Amazwe amaninzi ahlumileyo nasahlumayo analo uphando olufana nolu kuba luluncedo ekwaziseni umgaqo. Nangona kunjalo olu luhlobo lokuqala lophando lwesizwe eMzantsi Afrika. Ngoko luqalo lwento enolangazelelo kwaye olubaluleke kakhulu. Ikhaya lakho lukhethwe ngokwenzululwazi ukuba lube kwiisampulu zethu. Ngoko ukuthatbatha inxaxheba kwakho kubaluleke kakhulu kwaye kuyavuyelwa.

Uphando lophuhliso lwe-Afrika (DRA) lunyulwe ukuba lwenzele uphando lwangaphandle i-NIDS. Kwakhona sivumele ukuba sikuxelele ukuba uncendo nentsebenziswano yakho ekuqinisekiseni ukugqitywa okuyimpumelelo komsebenzi wophando lwangaphandle lwabo lwesifundo esibalulekileyo kuya kkuvuyelwa kakhulu.

Ukuba ufuna ulwazi oluthe kratya ngou phando qhagamshelana nomanejala wephulo le-NIDS uNkosazana/Nkosikazi Sihaam Nieftagodien, kule nombolo 0800 11 NIDS (6437) okanye uMnumzana David Scott kwi- DRA kwinombolo 011 807 1194 okanye utyelele iwebhusayithi ethi: <http://www.nids.uct.ac.za>.

Enkosi



Njingalwazi Murray Leibbrandt
Umongameli, SALDRU noMphandi oPhambili we-NIDS